basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2017**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha ali-9.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## 1.1 ISICATSHULWA A

| | | |
|---|---|---|
| 1.1.1 | Kuthiwa iyahlola.√ | (1) |
| 1.1.2 | Zinyanzelekile ukuba ziye esiphelweni.√ | (1) |
| 1.1.3 | nezifileyo√ | (1) |
| 1.1.4 | Akukho sakhiwo awayekhe asigqibe kungakhange kuxanjuliswane.√√ | (2) |
| 1.1.5 | Kukucengwa ukuba azilumle kuloo mkhwa.√ | (1) |
| 1.1.6 | Kuphambi kokuba kuxhonywe iindonga.√ | (1) |
| 1.1.7 | Isandla esihle√ | (1) |
| 1.1.8 | Ngamaqhinga.√ | (1) |
| 1.1.9 | Wayebaqamangela ngokukhokhelisa ukuhlawulwa kwemali ebizwa ukuba yi*deposit*.√ | (1) |
| 1.1.10 | Lisisaci.√ | (1) |
| 1.1.11 | 'Yayivalela kuzo imfuyo xa izulu lisibekele'.√ | (1) |
| 1.1.12 | Into eyenziwe ayagqitywa inako ukujikwa yenziwe enye into ebingamiselwanga ekuqaleni.√√ | (2) |
| 1.1.13 | Sasingalunganga kuba aba bantwana bebeba lilifa lentsini koogxa babo.√√ | (2) |
| 1.1.14 | Izifundo zoMthetho√/ezoQoqosho√/ezobuNtatheli√/ezoLimo √<br><br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| 1.1.15 | akahlalanga.√/uxhwarhe ngempundu enye√/ngeli xesha esalaqaza√<br><br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| 1.1.16 | Ngokuthi umntu athathe isigqibo sokuba nantoni na ayiqalileyo ayigqibe kuba imizekelo esetyenzisiweyo apha ibonisa isihlava nebala elibi kumntu ongazigqibiyo izinto aziqalileyo.√√<br><br>[Nayiphi na impendulo echanekileyo.] | (2) |
| 1.1.17 | Yedlelelela ngokwesini. √√ | (2)<br>**[24]** |

1.2 **ISICATSHULWA B**

| | | |
|---|---|---|
| 1.2.1 | A√/A ukuzimisela√/ukuzimisela.√ | (1) |
| 1.2.2 | Ngumnqwazi.√ | (1) |
| 1.2.3 | Yintombazana√ nenkwenkwe√ | (2) |
| 1.2.4 | Utitshala yibhulorho yokuwelisela abafundi kwikamva eliqaqambileyo.√√ | (2) |
| | | **[6]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
    - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**QAPHELA**

- **Ifomathi:**
    - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umviwa.

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Indawo yokuqala ekufuneka iqwalaselwe entombini sisimilo nokuzola. Ukuba asikho isimilo emntwini usuka afane nqwa nehagu. Sithi sakudingeka kuvele ezinye izinto ezinjengekratshi, ukuziphatha kakubi, njalo njalo. Umfazi ongenaso isimilo usisiqalekiso emzini wakhe uphela'. | 1. | Kufuneka intombi enembeko ethobekileyo kuba ukungabikho kwezo zinto kuyawuchaphazela umzi wonke. |
| 2. | 'Indawo yesibini, yingqondo yakhe ukuba injani na, uyakwazi na ukuyibona into entle nembi. Ukuba ingqondo yakhe ikrele-krele woba ngumfazi olungileyo, nokwaziyo nalapha emzini wakhe ukudibanisa imihlambi eyalanayo.' | 2. | Kufuneka ukuba abenengqondo yokukwazi ukwahlula okuhle nokubi. |
| 3. | 'Enye indawo ekufuneka ingadingeki emfazini kukukhuthala. Intle into yokuba umfazi acoceke, umzi ube mhle, apheke umzi ube shushu ngenxa yakhe. Uthi ukuba ulixelegu, umhambi abone kwangezindlu nebala, ngathi akuhlali bantu. Akungena endlwini ufika kumdaka umfazi kwanentsapho nendlu ngokwayo. Yiyo le nto inkuthalo kufuneka ingadingeki emntwini oza kwenda.' | 3. | Kufuneka umfazi akhuthale abe lihomba elingawonqeniyo umsebenzi ukuze umzi uhlale ucocekile. |
| 4. | 'Ubuhle nabo bunendawana obungena kuyo, kuba nabani na akanako ukuzeka intombi engxolisiweyo nangenakuyikhomba phakathi kwabantu.' | 4. | Ubuhle nabo buyafuneka ukuze akwazi ukumkhomba umfazi. |
| 5. | 'Kuyafuneka abe noqoqosho, angadyiwazi imali, athi xa ukutya bekusele ngezolo angakulahli enze olunye udidi lokutya ngako' | 5. | Kufuneka umfazi onoqoqosho ongadyiwaziyo olondoloza imali. |
| 6 | 'Kwimihla ekhoyo nemfundo kufuneka ingadingekanga emfazini, nokuba asiyomfundo iphakamileyo. Asiyonkqubela phambili into yokuzeka iqaba elingazange liwubone umnyango wesikolo. Abanye ke basuke bacinge ukuba ukufunda yiyona nto iphambili ukanti ke yenye yezinto ezifunekayo'. | 6. | Imfundo kule mihla iyafuneka nangona ingeyona nto iphambili nje. |
| 7. | 'Inyameko nayo ibalulekile. Intombi efika emzini kufuneka ifunde izimo zabantu efikele kubo. Oku akwenzeki ngexeshana elifutshane. Njengoko sendikhe ndathi akukho nzwana ingenasiphako, kunzima ukuba umfazi abenazo zonke iimpawu ezilungileyo. Kodwa ubukhulu becala ezi zikhankanyiweyo zezona zingundoqo.' | 7. | Inyameko nayo ibalulekile ingakumbi xa efika |

**[57 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

   Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

   Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | Simply Chicken.√ | (1) |
| 3.2 | Kubantu abatya nabathanda izidlo ezenziwe ngenyama yenkuku.√ | (1) |
| 3.3 | Kukuxela umzi-mveliso ekwenziwe kuwo imveliso leyo.√ | (1) |
| 3.4 | 'Azisayi kukuphoxa nanini!'√ | (1) |
| 3.5 | Yi *Smoked Mini Viennas'*.√/ziiviyena √ | (1) |
| 3.6 | Ungathumela i'sms'√ okanye unxibelelane ngeimeyile√. | (2) |
| 3.7 | Uyahambelana kuba ngokwesi sibhengezo- ntengiso ezi viyena zilungele umphako wesikolo.√√ | (2) |
| 3.8 | C√/C Kukucacisa isenzi√/Kukucacisa isenzi.√ | (1) |
| | | **[10]** |

## UMBUZO 4

4.1 Kuyaphekwa√ kukho isitovu√ kukho nefriji.√

[Nasiphi na isibini kwezi.] (2)

4.2 Isipayisi.√ (1)

4.3 B√/B yokubonisa ukunqumama kwesithethi.√/yokubonisa ukunqumama kwesithethi.√ (1)

4.4 Kwisakhelo sokuqala uLizo ubukele uNana epheka kwesesithathu uyapheka eyedwa.√ √ (2)

4.5 Sisivakalisi.√ (1)

4.6 Ibonakalisa ukuzisola.√ (1)

4.7 Ngumyalezo othi ukuthetha asikokwenza.√√/Ukululamela ukuthatha imiyalelo kunzima. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

## UMBUZO 5

5.1

5.1.1 Sisikhuzo√ (1)

5.1.2 Sisiyaleli.√ (1)

5.1.3 Ndiyinkwenkwe yakho.√ (1)

5.1.4 isandla√ (1)

5.1.5 leyo√ (1)

5.1.6 … musa √ukundijonga …√ (2)

5.1.7 Ligama lendawo.√ (1)

5.1.8 Sisibaluli.√ (1)

5.1.9 C√/C Sisetyenziswe sandulelwa yimo emfutshane ka 'thi'√/ Sisetyenziswe sandulelwa yimo emfutshane ka 'thi'. (1)

5.1.10 Eya√/ebheka.√ (1)

5.1.11 UGxakhweni wambuza uLanga ukuba kanene wadlula nini umguyo wakhe.√√ (2)

5.1.12 ULanga uloliwe nguMiya kuba iinyawo zakhe bezinentsente.√/ uMiya uloliwe engqondweni.√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo.] (1)

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.2 | 5.2.1 | ukucwangcisela.√ | (1) |
| | 5.2.2 | ukuze.√ | (1) |
| | 5.2.3 | Abazali nabantwana bayahleka.√√/Abazali nabantwana bayavuya.√√ | |
| | | [Nayiphi na impendulo echanekileyo.] | (2) |
| | 5.2.4 | Ukucwangcisela ingomso <u>ku</u>za√ neziphumo e<u>zi</u>hle√. | (2) **[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**